**Umhla ophakanyiswayo wokuqaliswa kweNkqubo yoMhlalaphantsi, iTwo-Pot, uye wamiselwa omnye umhla ukusukela ngowoku-1 kuMatshi 2024 ukuya ngowoku-1 kuSeptemba 2024.**

## NAKU EKUFUNEKA UKWAZI:

**1.** Xa le nkqubo yomhlalaphantsi intsha iqaliswa, yonke imirhumo yomhlalaphantsi yaMalungu noMqeshi **yexesha elizayo** iya kwahlulwa ibe ziinxalenye ezimbini: iNxalenye yoMhlalaphantsi kunye neNxalenye yeMali Eselugcinweni.

Isibini esithathwini siya kufakwa **kwiNxalenye yoMhlalaphantsi**. Imali eselugcinweni kwiNxalenye yoMhlalaphantsi yakho iya kuhlala ityaliwe de ufikelele kwixesha lakho lomhlalaphantsi.

Isinye esithathwini esiseleyo siya kufakwa **kwiNxalenye yeMali Eselugcinweni**. Uvumeleke ukuba utsale kube kanye ngonyaka werhafu ngaphambi kwexesha lomhlalaphantsi kule Nxalenye yeMali Eselugcinweni. Imali etsalwayo imiselwe kwi-R2 000 ubuncinane.

Imali eselugcinweni yomhlalaphantsi oye wayigcina ukuza kutsho ngowe-31 August 2024 kuza kuthiwa **yiNxalenye Etyaliweyo** kwaye le migaqo yangoku iya kuqhubeka nokusebenza kule Nxalenye.

**INxalenye yeMali Eselugcinweni yakho yimali yakho ephuma isisambuku ngexesha lomhlalaphantsi. Ukuba ufuna ukufikelela kuyo xa kunokwenzeka uxakeke ngokwasemalini, uza kukwazi ukukhetha ukuba utsale kuyo kube kanye ngonyaka ngamnye werhafu.**

**2.** I-10% yexabiso lemali yakho eselugcinweni yomhlalaphantsi iyonke ngokwangowama-31 kuAgasti 2024 iza kugqithiselwa ngokuzenzekelayo kwiNxalenye yeMali Eselugcinweni yakho. **Oku kuza kusikelwa kwimali engange-R30 000 ubuninzi. Olu gqithiselo kuthiwa "yimali eyimbewu"**.

**QAPHELA: Imali eyimbewu yimali egqithiselwa kube kanye eya kuba yibhalansi yokuvula iNxalenye yeMali Eselugcinweni yakho. Emva koko, isinye esithathwini semirhumo yakho yomhlalaphantsi yexesha elizayo siya kufakwa kwiNxalenye yeMali Eselugcinweni.**

## UBUSAZI?


I-SuperFund ibonelela ngokhetho lweenkonzo zokuzinceda ezikhuselekileyo nezilula ngokusebenzisa **iOld Mutual App** (efumaneka kwi**Android** nakwi-**iOS**), i**Secure Services** no**WhatsApp**.

### Kwiapp yeOld Mutual, unganakho:




- Ukujonga ixabiso lemali yakho yomhlalaphantsi eselugcinweni
- Ukujonga ipotifoliyo yeemveliso zakho
- Ukulandelela amanqaku akho eOld Mutual Rewards nokufumanisa indlela onokuwazuza nonokuwasebenzisa ngayo
- Ukuhlaziya iinkcukacha zakho zoqhagamshelwano nezobuqu
- Ukujonga nawaphi na amaxwebhu afanelekileyo

### KwiSecure Services, unganakho:




- Ukujonga ixabiso lemali yakho yomhlalaphantsi eselugcinweni
- Ukujonga ipotifoliyo yeemveliso zakho
- Ukulandelela amanqaku akho eOld Mutual Rewards nokufumanisa indlela onokuwazuza nonokuwasebenzisa ngayo
- Ukuhlaziya iinkcukacha zakho zoqhagamshelwano nezobuqu
- Ukugcwalisa okanye ukuhlaziya iFomu yakho yoKuchonga uMxhamli
- Cofa apha ukwenzela isikhokelo sokubhalisa esinatyisiweyo

### KuWhatsApp, unganakho:

- Ukuhlola ixabiso lemali yakho yomhlalaphantsi eselugcinweni
- Ukudawunlowuda iFomu yakho yoKuchonga uMxhamli
- Ukufikelela kumhlalaphantsi wakho nakwisikhokelo sokuwutsala
- Ukufikelela kwiziqulatho zemfundo yamalungu
- Ukuze ufikelele kwiSuperFund kuWhatsApp, skena i-QR khowudi okanye seyiva u-0860 933 333 njengekhontakthi.
- Thumela u-"Hi" kuWhatsApp. Uze ukhethe uopshin 4 ("View employment retirement savings").

**Umhla woku-1 kuSeptemba 2024 ngumhla ophakanyiswayo wokuba inkqubo yeTwo-Pot iqalise, kodwa oku kusenokutshintsha. I-SuperFund iya kuhlala ikwazisa ngayo nayiphi na inkqubela eyenzakayo koku.**



Old Mutual Life Assurance Company (SA) Limited is a licensed FSP and Life Insurer.